IsiKolo seCawa 1

Isihloko sesifundo: UDaniel, ulutsha oluzinikeleyo nomtoliki wamaphupha

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiKolo seCawa esithi “UDaniel, ulutsha oluzinikeleyo nomtoliki wamaphupha.”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nemiBuzo neeMpendulo (kwiklasi yesiQinisekiso) Qaphela: 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (SS1, RI1 okanye IsiQinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana noMphathi webandla wesikolo seCawa ukufumana inkcukacha ezongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	UDaniyeli, ulutsha oluzinikeleyo nomtoliki wamaphupha
Isicatshulwa seBhayibhile	UDaniyeli 1 no 2
Injongo yesifundo	Abantwana bamangaliswa bubukhulu nakukwazi konke kukaThixo.

Isishwankathelo sesifundo:

• UDaniyeli nabahlobo bakhe abathathu babengoonyana babantu abadumileyo bamaYuda kwaye bathathwa njengamabanjwa kwilizwe labo, kwaIsrayeli. Ngoku bahlala njengabasemzini /abaphambukeli eBhabheli kwibhotwe likaKumkani uNebhukadenetsare.
• UDaniyeli nabahlobo bakhe bavunyelwa ukuba bahlale ebhotwe kwaye baxhamle ubutyebi bebhotwe.
• Babeza kunikwa ukutya okufanayo, okona kungcono kodwa uDaniyeli wachaza ukuba badla kuphela ukutya okuthile kwaye yinkolelo yabo. Babefuna ukuhlala bethembekile kwinkolelo yabo kwaye babekhetha ukutya imifuno kunye nokusela amanzi.
• Umkhonzi omkhulu wayekholwa ukuba akunakwenzeka kubo ukuba baphile ngoko kutya kuphela kodwa uDaniyeli wamqinisekisa ukuba iNkosi iyakunceda ukubakhathalela kwaye wakwenza oko.
• Ngobusuku obuthile uKumkani wayenephupha elothusayo waza wavuka kodwa akazange akwazi ukukhumbula ukuba kwenzeka ntoni.
• UKumkani uNebhukadenetsare wabiza zonke izilumko kunye nabokutolika amaphupha, waziyalela ukuba achaze intsingiselo yephupha lakhe. Kwakunge namnye kubo owaba nako ukulichaza iphupha lakhe waza wathi akunako ukwenzeka ukuba kubekho namnye onokwenza oko.
• UDaniyeli wacela ukuba anikwe ixesha elongezelelweyo lokutolika iphupha waza uKumkani wavuma. UDaniyeli nabahlobo bakhe bathandaza kuThixo bamcela ukuba abancede waza wafumana impendulo malunga nephupha likaKumkani.
• Uhamba aye kumxelela ukumkani owayemangalisiwe yaye wayefuna ukwazi ukuba elitolika njani iphupha lakhe. UDaniyeli uyamqinisekisa kwakhona ukuba uThixo uzazi zonke iimfihlelo kwaye mkhulu kunabo bonke ookumkani.
• Ukumkani ngoku wamenza uDaniyeli nabahlobo bakhe abalawuli kubukumkani bakhe.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Kufuneka sizise yonke into kuThixo ngomthandazo.
- Sinako ukuthandaza nangaliphi na ixesha kwaye sithethe noThixo.
- Kufuneka sizise umbulelo, indumiso kunye nazo zonke iimfuno zethu kuThixo ngomthandazo.
- Sinako ukuthandaza kuThixo xa sisoyika kakhulu okanye sivya kakhulu.
- UThixo uyakusoloko ekufuphi kuthi – njengoko waye kufuphi kuDaniel nabahlobo bakhe.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

Bavumele abantwana baphendule umbuzo, kwaye ukuba baphendula ngokuthe ngqo kokusuka kwibali linxibelelaniss neentshukumo zethu zangoku zemihla ngemihla kwanokuziphatha.

1. Kwakutheni ukuze uDaniyeli angavumi ukutya konke okumnandi kwebhotwe?
   Impendulo: Babefuna ukuhlala bethembekile kwinkolelo yabo.
2. Sasenzwe ngantoni isidlo sikaDaniyeli nabahlobo bakhe kwiintsuku ezili 10?
   Impendulo: Yimifuno kunye namanzi.
3. Ingaba amanzi kunye nemifuno abagulisa na?
   Impendulo: Hayi! Babesempilweni kwaye bomelele!
4. UDaniyeli wayethandaza rhoqo, sithandaza nini?
   Impendulo: ekuseni xa sivuka, ebusuku ngaphambi kokuba silale, xa sisitya isidlo okanye nangaliphi na ixesha lemini
5. Yintoni eyayifunwa ngukumkani kwizilumko zakhe?
   Impendulo: Wazicela ukuba zimchzele iphupha lakhe kwaye zilitolikele.
6. Kwakutheni ukuze uNebhukadenetsare azicaphukele ngenxa yezilumko?
   Impendulo: Zathi akukho namnye umntu onako ukuyenza into ecelwe ngukumkani. Yatingenako ukwenzeka kuzo ukuba zimchazele iphupha.
7. Wayifumana njani uDaniyeli into eyayiphutshwe ngukukumkani nento eliyithethayo?
   Impendulo: UDaniyeli nabahlobo bakhe bathandaza baza bacela uThixo ukuba abancede batolike iphupha
8. Ingaba wakha wathandaza kuThixo umcele ukuba akuncede?
   Impendulo: Ewe (nawaphina amava abakhe banawo)

Umthandazo katata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sibe kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuba asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen

Amabakala abalulekileyo